

# UAdun, imfene, uqhatha uAnanse

Libaliswa kwakhona nguHelen Brain

Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood


Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

UKweku yayiligama lokuqala lesigcawu uAnanse kuba wayezelwe ngoLwesithathu, kodwa wonke umntu wayembiza ngokuba nguAnanse. Wayekrelekrele kakhulu, yaye zazinganinzanga izilwanyana ezazinokumqhatha.

Kudala-dala kakhulu, lithi ibali, uKweku Ananse isigcawu, noAdun Mfene babengabahlobo abakhulu. Yonke into babeyenza kunye. Apho aya khona omnye, nomnye wayesiya. UAnanse wayekhwela kuAdun Mfene, athi nca eboyeni bakhe. Ngamanye amaxesha

wayekhwela emqolo kuAdun, ngamanye amaxesha athi nca esiswini sakhe, aze ngamanye amaxesha athi ngcu kuboya obuphakathi kweendlebe zika-Adun, akhangele phambili azokubona ukuba yintoni na eyayisiza.

Babesisibini sabahlobo abonwabileyo. Babegcinene. Babesitya kunye baze badlale kunye yonke imihla phakathi kwemithi. Ebusuku, uAdun wayekhwela emthini omkhulu azenzele ibhedi phakathi kwamagqabi. UAnanse wayezijingisa kwelona gatya liphakamileyo ukuze kungabikho nto inokumbamba.




Ngenye imini eyayishushu kakhulu xa abahlobo babeye kukhangela ukutya, bafika kumgxobhozo onodaka. Ngaphesheya komgxobhozo babona umthi weebhanana. Kaloku wonke umntu uyazi ukuba iimfene zikuthanda kangakanani ukutya iibhana ezivuthiweyo, yaye ngaloo mihla nezigcawu zazizithanda. Ngoko ke uAnanse wakhwela emqolo kuAdun yaza imfene yawela umgxobhozo ngokutsiba-tsiba ukusuka kwelinye ilitye ukuya kwelinye ukuze iinyawo zayo zingangcoli.

“Ngoku ke kutheni ninqumla umgxobhozo nje?” waxoxa uSelesele ngelizwi eliphakamileyo kangangokuba ilizwi lakhe lahlokoma ngaphaya kwamanzi.

“Kukho umthi weebhanana ozele ziibhanana ezivuthiweyo ezimnandi kweliya cala lingaphaya. Sifuna ukuzitya. Siyazithanda iibhanana,” yacacisa imfene.

“Thathani wonke umthi andikhathali,” wambombozela uFudwazana.



“Asizithandi iibhanana,” watsho uSelesele. “Kodwa khawulezani. Sizama ukulala.”

“Enkosi, enkosi, enkosi,” watsho uAdun.

“Mnandi, mnandi, mnandi,” watsho uAnanse ehlikihla isisu sakhe ngayo yosibhozo imilenze yakhe.

Ngoko ke abahlobo ababini banqumla umgxobhozo bakha isihlahla esikhulu seebhanana ezivuthiweyo ezibugolide.

Kwangelo xesha, uSelesele noFudwazana babengqengqe kwilitye elikhulu elisemgxobhozweni begcakamele ilanga.

“Ngubani lowo?” waxoxa uSelesele, evula iliso elinye ukujonga uAdun.

“Ndim nje,” yaphendula imfene.

“Auwedwa,” waxoxa uSelesele. “Ngubani lowo uhamba naye?”

“Owu, nguKweku Ananse lo,” watsho uAdun ekhomba isigcawu. “Kodwa wonke umntu umbiza ngokuba nguAnanse. Ngumhlobo wam osenyongweni.”

“Ke nenza ntoni apha nobabini?” wabuza uSelesele.

“Ewe,” wongeza uFudwazana owayesandula ukuvuka. “Nisiphazamisela ntoni? Sifuna ukuphumla elangeni, niyazi.”

“Uxolo Selesele, uxolo nawe Fudwazana. Besingenanjongo yakuniphazamisa,” baphendula uAdun noAnanse ngaxeshanye.





Bazithwala iibhanana babuyela nazo kumthi omde ababewubiza ngokuba likhaya.

Kodwa umzuzu nje beqabele kwisebe labo ababelithanda, yaqala ingxaki.

“Zezam iibhanana,” watsho uAnanse. “Ndiza kuzitya zonke.”

“Awusoze,” watsho uAdun. “Kumelwe ukuba sabelane.”

“Hayi, andisobe! Andizukwabelana!” wakhwaza uAnanse, engxala ibhanana emlonyeni wakhe. “Zezam zonke, yaye andizi kukunika nenye.”

“Awusengomhlobo wam,” watsho uAdun eqalisa ukulila. “Ukhohlakelele yaye ndikuthiyile.”



“Kulungile,” watsho uAnanse. “Ukuba uza kuba lusana olutefayo ndiza kukunika into. Ungasifumana isikhondo. Sinencasa naso oku kweebhanana.” Waza wasusa zonke iziqhamo kwisikhondo wasigibisela kwimfene.


UAnanse wayonwabe kakhulu sisenzo sakhe. Yayizezakhe zonke iibhanana eza kuzitya, engazi kwabelana namntu ngazo – namnye. Wahleka wagigitheka njengoko wayebukele uAdun ethatha isikhondo ehamba naso. “Uza kuzama ukutya esiya sikhondo sibi. Ndimqhathile. Ha, ha,” wacinga.

Emva kwaloo ngxabano, abahlobo bohlukana elowo wabheka kwelakhe icala ababonana. Babengathethisani, bengadlali kunye.

Kwaza ngenye imini wazibuza uAnanse ukuba unokuba wayenjani uAdun. Kwakusele kukudala ukususela kwingxabano yabo ngeebhanana. Waza uAnanse wazulazula ehlathini wada wafika kwikhaya elitsha likaAdun. Yayingumthi omdala, omde yaye kufutshane nawo, kwakukho umthi omkhulu weebhanana uzele ziibhanana ezivuthiweyo, ezityheli.

“Nkosi yam!” wakhuzwa watsho uAnanse. “Unomthi wakho weebhanana, yaye uzele ziziqhamo. Ungandipha ezinye?”

UAdun wasijonga isigcawu, wasehlisa esenyusa. “Hayi,” watsho ebanda. “Wasifumana isabelo sakho. Wakhetha iibhanana mna wandinika isikhondo. Jonga, ndeza apha ndasityala isikhondo, sakhula sangulo mthi. Ngoku ndinezihlahla ngezihlahla zeebhanana unyaka wonke, kodwa awuzukuzifumana. Neny. Uxolo.”



“Uyimfene ekhohlakeleyo, embi, engcolileyo!” wahlahlamba uAnanse, eshukumisa imilenze yakhe esibhozo ngomsindo. “Wandiqhatha! Ngoku uneebhanana ezininzi mna andinayo nenye. Andisoze ndiphinde ndithethe nawe nanini na kwakhona ndaye andisoze ndiphinde nditye enye ibhanana ndide ndife! Akwaba ungarhawuzelelwa unyanzeleke uzonwaye, uzonwaye, ubusuku nemini.” Saza isigcawu sabaleka sagoduka, sisambombozela ngobuqhophololo bukaAdun Mfene. Zange baphinde bathethisane kwakhona.

Kambe uyazi ukuba kude kube nanamhlanje izigcawu azizityi iibhanana, kanti neemfene ziyazonwaya imini nobusuku!

# Yenza ibali linike umdla!

Nazi iibono onokuzisebenzisa ukufundisa ibali elikwiphepha loku-1 kuye kwele-3 nabantwana eklasini yakho ne-/okanye neklabhu yakho yokufunda. Khetha iingcebiso ezifanela iminyaka nemidla yabantwana bakho.

- ★ Phambi kokuba ulifunde ibali, buza abantwana, "Zange nikhe nive ngomntu owakha waqhathwa?" Bameme babelane nabanye ngokwenzekayo.
- ★ Emva kokuba ulifundile ibali, tsalela ingqalelo yabantwana kwisihloko sebali nize kunye nixoxe ngemibuzo efana nale.
  - Ingaba imfene kuphela kwayo eqhatha umntu? Ngubani omnye kweli bali oqhatha umntu?
  - Ngubani umlinganiswa wokuqala ukuqhatha umntu?
  - Ingaba kulungile ukuqhatha umntu ukuba ebekuhathile nawe kuqala?
  - Ingaba kulungile ukuba abahlobo baqhathane? Ungeva njani xa ungafumanisa ukuba umhlobo wakho ukuqhathile?

- Cela abantwana ukuba bacebise ezinye izihloko ezinokunikwa eli bali.

- ★ Ncedisa abantwana ukuba banxulumanise namanye amabali abawaziyo athetha ngento efanayo nale. Babuze, "Ingaba akhona amanye amabali eniwaziyo apho omnye umlinganiswa wazama ukuqhatha umntu? Kwenzeka ntoni kwelo bali?" Ungawandisa lo msebenzi ngokukhuthaza abantwana ukuba babhale okanye babalise awabo amabali angokuqhatha umntu.
- ★ Bavumele abantwana basebenzise izinto ezahlukileyo ezingasasetyenziswayo (ezifana neziciko zeebhotele, amagobhoza amaqanda, amalaphu, iwulu nomtya) nepeyinti, iphepha neglu ukwenza uAnanse. (Khumbula ukuba akunyanzelekanga ukuba ukuba maside sifane ncam nesigcawu esisebalini – khuthaza abantwabna bakho ukuba basebenzise imifanekiso-ngqondweni yabo!)

## Malunga neprojekthi yeStory Powered Schools

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda.

IStory Powered Schools liphulo eliyimvelatanci lenkqubo ezisa indlela yokuphuhlisa ilitheresi yephulo likaNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa kwizikolo zasemaphandleni ezikwiphondo laseMpuma Koloni nelaKwaZulu-Natala. Eli phulo liqinisekiswa liSebe lezeMfundo, yaze inkxaso-mali yokulixuma yanikezelwa yiUnited States Agency for International Development (iUSAID).

Izikolo ezithatha inxaxhela kwiprojekthi yeStory Powered Schools zizimisele ukuvuselela oko abafundi banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Zisebenzisa amandla amabali ukukhuthaza abafundi ukuba bafune ukufunda nokubhala.

